Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

SEPTEMBA 2016

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

ITHUBA ELINGASAYI KUZE LILIBALEKE - ekunye noMphathi kaMasipala, uCoenie Groenewald, encedisa, uCebakhulu uRudolph Smith ube newonga lokumiselwa njengoSodolophu waseOverstrand nguAdv Albert Fritz, uMphathiswa woPhuhliso loluNtu eNtshona-Kapa (1), ngelixa uAdv Lennit Max, il-ungu lepalamente yephondo emisela iwonga elifana neli kuSekela-Sodolophu omtsha uCebakhulu uDudley Coetzee (2) nakuMnu. Masizole Mnqasela, MPP, nakuSomlomo uCebakhulu uAnton Coetsee.

PLANS AFOOT TO GROW LOCAL ECONOMY

USodolophu ucela oosomashishini ukuba basebenzisane ukuvula amathuba okukhulisa uqoqosho lwaseOverstrand kwaye bacuthe ingozi yexesha elide kuqhubekeko kuMasipala: *intswela-ngqesho!*

Ngexesha ethula intetho yakhe ngoLwesihlanu we-12 Agusti 2016, uSibonda uRudolph Smith - onguSodolophu ngokwesiGqeba osandula ukubekwa waseOverstrand - uthe wabhengeza ukuba enye yezinto eziphambili zeBhunga iza kuba kukumisela ikomiti yeengcebiso kushishino eya kuquka abameli becandelo loshishino kunye noosomashishini.

"Nangona iOverstrand ingumasipala wesithathu ngokukhawuleza ukukhula eNtshona Kapa kwaye unegalelo lama-33% kuqoqosho lwesithili iOverberg siphela, sikholelwa ekubeni ngokuthi sandise ubudlelwane noosomashishini bengingqi, singatsala umdla wabatyali-zimali," utshilo. Koku wongeze elokuba iBhunga lidinga igalelo lecandelo labucala ukuncedisa ekucutheni amasolotya olawulo angeyomfuneko khona ukuze kube kungadalwa iimeko zoqoqosho ezingavulela amathuba ophuhliso kwiOverstrand ngokupheleleyo.

USmith wenze isithembiso sokuba uMasipala uza kuqhubeka egxininise ekuboneleleni ngezakhiwo nezixhobo ezidala imeko elungileyo apho wonke ummi efikelela kwiinkonzo zikamasipala ezikwiqondo eliphezulu, efezekisa isicwangciso sophuhliso lwezindlu seminyaka emihlanu, ukuvuselela izakhiwo nezixhobo ezigugayo kunye nokucutha ilahleko kwizixokelelwano zamanzi nombane ziya kubekwa phambili.

Esekumxholo wemeko yentlalo, uSodolophu uthe ukhuseleko lwabemi luseyinkxalabo enkulu. Uthe wacele bonke abaxhasi - i-SAPS, abanyanzelisa umthetho bengingqi, abalindi bamakhaya kunye neenkampani zokhuseleko - ukuba basebenzisane ukusombulula imibandela ngokukhawuleza, Wongeze ngelithi ukhuseleko ezikolweni luza kuphuculwa ngendlela yenkqubo yokwamkela amapolisa i-adopt-a-cop ngelixa ukumiselwa nokuqeqeshwa kweekomiti zezitalato kuza kukhawulezisiwa.

USmith uthe kuza kwenziwa iinzame zokusondeza ngakumbi urhulumente wengingqi eluntwini kule minyaka mihlanu izayo. "Ukwandisa ubudlelwane phakathi koluntu lwethu noMasipala, sifuna ukumisela iiofisi zoncedo kumaholo oluntu khona ukuze abantu bafikelele lula kooceba babo," uhambise watsho. "Ngakumbi njengokuba sidinga izimvo zoluntu ukusombulula izidingo ezimalunga nophuhliso lweentsana, unonophelo lwabadala, unonophelo lwempilo nokudala amathuba emidlalo nolonwabo."

Uthe wabulela iBhunga eliphumayo ngeenzame zalo zokubeka iOverstrand kwinqanaba lezimali elilungileyo, uSmith uqukumbele intetho yakhe ngesithembiso sokuba iipotfoliyo ezintlanu - izimali, iinkonzo zoluntu, iinkonzo zolawulo, iinkonzo zokhuseleko, izakhiwo nocwangciso, uphuhliso loqoqosho lwengingqi nokhenketho - ziza kuqhubeka ngale mbali kwaye zenze konke ekusemandleni wazo ukufezekisa imbono yeOverstrand yokuba liziko eligqwesileyo kwabo ibanikezela ngenkonzo.

OOCEBA ABATSHA ABONYULIWEYO BAKAMASIPALA WASE-OVERSTRAND

Ngasemva (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene): Cllr Simphiwe Tebele, Cllr Elnora Gillion, Cllr Lindile Ntsabo, Cllr Fanie Krige, Cllr Archie Klaas, Cllr Benet Molefe, Cllr Grant Cohen, Cllr Connie Tafu-Nwonkwo, Cllr Xolani Msweli, Cllr Valerie Pungupungu, Cllr Arnie Africa, Cllr Andrew Komani, Cllr Siphiwo Kalolo. Ngaphambili (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene): Ald Michelle Sapepa, Cllr Moira Opperman, Cllr Riana de Coning, Cllr Vuyani Macotha, USomlomo Ald Anton Coetsee, uSodolophu Ald Rudolph Smith, USekela-Sodolophu Ald Dudley Coetzee, Ald Nicolette Botha-Guthrie, Cllr David Botha, Cllr Dr Junita Kloppers-Lourens, Cllr Kari Brice. Ongekhoyo: Cllr Theodorah Nqinata

UKUQONDA IZIHLAHLA NOMLILO

Naye nabani na ofuna ukufunda ngokubanzi ngokubudlelwane phakathi kotyani, izilwanyana kunye nomlilo kumele abhale kwidayari yakhe umNyhadala ongeeNtyatyambo waseHermanus - nengamava akholelekayo noya kubanjwa ukusuka ngowe-22 - 25 Septemba kwiFernkloof Nature Reserve.

Ngaphandle nje kokufumana ithuba lokuchitha ixesha kunye nosapho lwakho nabahlobo kule meko imangalisa ngokwenene, abaqu quzeleli balo mnyhadala benze ngako konke ekusemandleni abo ukungenisa zonke izihlahla ze-Cape Floristic Kingdom.

Amangeno kubantu abadala yi-R20 ngelixa abantwana abangaphantsi kwe-12 okanye abanxibe iyunifomu yesikolo bengena ngaphandle kwentlawulo. Ukongeza koko, uLwesine wama-22 Septemba uthe wabekelwa bucala njenge"Suku lwaBadla umHlalaphantsi" - oko kuthetha ukuba abadli-mhlalaphantsi bangonwabela ukufikelela kumNyhadala weeNtyatyambo ngemali nje encinane engange-R10.

Ngolwazi oluthe vetshe ngomNyhadala ongeeNtyatyambo eHermanus, tsalela uPam Herd kwa-082 823 5232 okanye undwendwele www.fernkloof.com.

UKWAKHIWA KWEMOLI I-WHALE COAST KUYAQHUBEKA

Ngaphandle nje kwezantyalantyala zemvula, ukulungiswa komhlaba wophuhliso lweMoli engama-30 000 m² iWhale Coast eSandbaai kuqhubeka kakuhle, unike ingxelo etshoyo uDennis Hendriks.

Le projekthi, neza kugqitywa ngokwezigaba kwisithuba seenyanga ezi-15, ikwaquka uvuselelo olukhulu kwendawo ezithile zeNdlela iSandbaai Main, isiTalato iBergsig neNdlela iSchulphoek.

Okungumphumela woko, iNdlela iSandbaai Main iza kuvalwa kwizithuthi de kube ngowama-25 Novemba khona ukuze kugqitywe isigaba sokuqala sokuvuselela phakathi kwe-Agri-Mark ngesiTalato iBergsig.

Iindaba ezimnandi zezokuba icandelo elisemantla phakathi kwesango loku-1 nelesi-2 (isango lokuphuma phakathi kwe-Engen neTambali) liya kube liphinde lavulwa ngowama-23 Septemba ukuvumela abaqhubi ukuba bajike ekunene kwiNdlela iSandbaai Main besiya ngakwindlela yephondo (R43). Nangona kunjalo, awusayi kukwazi ukujikela ekunxele ungena kwiSandbaai.

Umasipala ekunye nomakhi bangathanda ukubulela kuluntu ngenyameko nentsebenziswano yalo ngelixa umsebenzi obululeke kangaka uqhubeka kwaye bakwaqinisekisa ukuba baya kukwenza ngako konke okusemandleni abo ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yokwakha indlela igqitywa kwangethuba kungekho kuphazamiseka kungako.

Ukuba unawo nawuphi na umbuzomalunga nale projekthi, zive ukhululekile ukuba ungaqhagamshelana n Dennis kwa-082 416 8676 okanye ummeli womphuhlusi uLeon Louw, kwa-083 324 5928.

Sibonisa ukuGqwesa

"Ubugcisa yinto ethandwa ngokufanayo kwaye ikhuthaze abantu kwizwe lilonke: ngobugcisa siphepha okuqhelekileyo kwaye siqaphela ubuhle nakwiimeko ezibharhileyo. "Oku, ngokukaSodolophu uRudolph Smith, kungako ebhengeza iofisi yakhe njengeqonga loluntu.

"Sinetalente eninzi eOverstrand - amagcisa ekunqabileyo ukuqaphela indlela eyodwa nenyanisekileyo abonakalisa uluntu kunye nehlabathi esiphila kulo. Ndingathanda ukubanika ithuba lokuqondwa abalifaneleyo ngokwenza iofisi ukuba ibe yindawo yokubonisa imisebenzi yabo." Utshilo.

Ukusuka ngoSeptemba 2016, imisebenzi yamagcisa asengingqini iza kuboniswa kwiiofisi zikaSodolophu itshintshana. Amagcisa anomdla angangenisa imisebenzi yawo kulo mboniso ngokuthi aqhagamshelane noMari Geyer kwa- **artintheoffice1@gmail.com**.

Ngoku, abandwendweli kwiiofisi zikaSodolophu bangabona imisebenzi kaAnna Lamprecht, uMaryna Visagie noSusan Karalis. Lo mfanekiso ngumsebenzi onesihloko esithi, "Donkey Car" ozotywe ngeoyile kwilaphu leseyile nguLamprecht.

BHIYOZELA UBUNGCAPHEPHE

Ubusuku bobungcaphephe baseOverstrand baminyaka le buza kubhiyozelwa ngoLwesibini umhla we-4 Okthobha eHermanus Auditorium. Ophumelele indebe yebhongo kaSodolophu yoLondolozo lwendalo nowaseTyhini woNyaka waseOverstrand baza kwaziswa kulo msitho ngeli lixa iqela labaziNgcaphephe beza kuqatshelwa ngelelo labo elilodwa kuluntu lwethu.

Umsitho uza kuqalisa kanye ngentsimbi ye-18:00.

Uvavanyo lweziDingo zeziNdlu eziFikelelekayo

UMasipala waseOverstrand ukwinkqubo yokuqokelela ulwazi malunga nezidingo neemfuneko zezindlu ezifikelelekayo kummandla kamasipala. (imakethi yezindlu ezifilelekayo ingachazwa njengeentsapho ezamkela imivuzo ephakathi kwe-R3 501 ne-R25 000 ngenyanga.)

Ngokwenza olu vavanyo, umasipala ujolise ekufumaneni umfanekisongqondweni othembekileyo wabantu/iintsapho ezihlala eOverstrand ezidinga okanye ezifuna izindlu ezifikelelekayo kwaye ezinenjongo zokusebenzisa amathuba obonelelo ngezindlu - ingaba kukurenta okanye ukuthenga.

Njengenxalenye yolu vavanyo, amakhaya akwimimandla ethile aza kukhethwa nje kusenziwa utyelelo lomzi nomzi nalapho kuza kucelwa abahlali ukuba bazalise iphepha lemibuzo. Nangona kunjalo, kwilinge lokufikelela kumyinge wabantu odinga izindlu ezifikelelekayo, sidinga uncedo lwabafundi bethu: apha kwesi sidigimi sale nyanga seBulletin, uza kufumana iphepha lemibuzo elimalunga nezidingo zezindlu ezifikelelekayo.

Nokuba ezi zidingo azingeni kuwe ngqo, nceda iqela lophando lethu ngokuthi ucele naye nabani na okufutshane nawe ongafuna ukufaka izicelo ukuba azalise eli phepha lemibuzo liqhotyoshelwe apha.

Amaphepha emibuzo aqhotyoshelweyo angashiywa kwiioffisi zikamasipala kwingingqi yakho okanye kwithala leencwadi, okanye ungayithumela ngeimeyili ku -ajacobs@overstrand.gov.za. Qaphela ukuba zonke izingeniso kumele ukuba zifike kuthi ngaphambi kowama-30 Septemba 2016. Ukuba uthe wanayo nayiphi na imibuzo ngalo mba, ungaqhagamshelana noAbigail Jacobs kwa-028 313 5075 ngamaxesha omsebenzi.

Amanenekazi aNxiba iYunifom aziLungiselela ukuXhasa iNyanga yamaNina

NgoMvulo umhla we-08 Agasti, amanenekazi anxiba iyunifom abhengeze izicwangciso sawo ezihlangeneyo zokunceda ukuphelisa ubhubhane osezindleleni zethu kwaye akhusele uluntu nezilwanyane zasendle eOverstrand. Ububanjelwe kwiHolo loLuntu eZwelihle, lo msitho ubucwangciselwe ukuba uhambelane neNyanga yoomaNina kwaye ubuzinyaswe ngabameli ababhinqileyo abangama-28 bemikhosi enxiba iyunifomu yaseOverstrand, bemele iiNkonzo zoKhuseleko zaseOverstrand, AmaPolisa aseHermanus, iiNkonzo zezeNdlela zePhondo kwakunye noLawulo lwamaNxweme neNdalo yoLwandle.

Ekuhambeni kwale Nyanga yamaNina, amanenekazi anxiba iyunifomu acwangcisa ukundwendwela amakhaya abantu abadala, amakhaya okugulela, izikolo kunye neendawo zokhuseleko ezinika amakhaya ethutyana kubantwana abasemngciphekweni. Umsebenzi wabo ke kodwa usahleli ikukunyanzelisa umthetho.

Xa bebebuzwa ukuba lithi ixabiso lokubhiyozela iNyanga yamaNina, ebebezimase apho abakhange bathandabuze tu kwiimpendulo zabo: iNyanga yamaNina ngumbhiyozo wamalungelo amanina wokuba babengabemi abapheleyo abakhulekileyo ukuba bangaziphuhlisa ngaphandle kokucalucalulwa okanye kwesohlwayo. Kwelinye icala, nangona, isikhumbuzo zokuba uluntu malungajongi ecaleni kwihlabathi lonke - kwaye mhlawumbi kwalapha ebumelwaneni - kwabo basephantsi kwempathekombi, ubudlobongela kwaye bavinjwe amathuba okuphathwa ngokulinganayo nangembeko.

IHLABATHI LONKE KWIQONGA ELINYE...

O·A·K
overstrand arts · kunste

Kwimenyu kukho ngaphezu kwesibini samaqela esithathu, iOAK iya kube isamkela amaqela ahlukeneyo enene abaculi abaphezulu kwihlabathi kwiqonga leOdithoriyamu yoLuntu apha ekuhambeni kukaSeptemba.

Abokuqala ukubetha injikwe yabo ngowe-9 Septemba nge-19:00 sisibini sase-UK (esibetha ipiyano nocula isoprano), MELICUS, nabaya kujoyinwa ngumlingane wezwe labo uCorinne Morris (cello) becula imisebenzi kaSchubert, kaGranados, kaGinastera, kaLiszt noPiazzolla.

Emva koko nge-15:30 ngeCawa ngowama-25 Septemba imbethi we-cello uPeter Maartens waseMzantsi Afrika, umbethi wefidyoli waseRashiya uSergey Malov nombethi wepiyano wase-USA uBryan Wallick baza konwabisa abaphulaphuli ngemisebenzi kaBeethoven, kaBrahms, kaTchaikovsky, kaRachmaninov noShostakovich.

Bhukisha eBELLINI kwa-028 312 4988. Amatikiti li-R130 (abafundi yi-R60). Yonke imibuzo ingabhekiswa kunobhalana weOAK uRené du Plooy kwa-082 940 4238.